**ISEBE LEMFUNDO LASE GAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LESESIBINI**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lokuqala)**

**FEB / MAR 2006**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B, C.
- Phendula yonke imibuzo ngesihosa esisulungekileyo..
- Bhala ngokwemiyalelo yemibuzo.

---

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

A. Funda ngenyameko isicatshulwa esingezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

> Nguye lowo ewela imilambo enamagama, enqola amaxethuka, etshutshiswa yintliziyo eyophayo. Kwamfikela ukudinwa wakha wahlala ecaleni kwendlela, waphumla. Mbone ephinda engena kuloo ndlela ilucinya, ekhawuleza ngokomntu oyaziyo indawo aya kuyo. Wathi xa ethe gabhu eqhineni kwiNtabexhalanga wabheka, wayijonga iMnandizonka iluzizi ukuphuma kwenyanga, wayililela. Zanqumla umbombo iinyembezi zindululwa lusizi nobuhlungu bentliziyo, lwadabuka uvalo akucinga ngezo ntaba namahlathi ezwe lakowabo, nangobuhle beMnandizonka awayeyishiya ngobo busuku, kodwa zonke ezo zinto zazikukuphuca kwabantwana xa zithelekiswa nokushiya kwakhe uNomzamo. Yamjika-jika ingqondo akumcinga.
>
> Yakha yamfikela ingcinga yokuba abuye aphinde indlela njengomtshakazi abuyele kuyise aye kucela uxolo, kodwa yabhukuqwa yeyayimkhombisa kwilizwe awayelalathelwe nguyise, eqonda nokuba uyise akasobe ahlalelane naye. Kambe intliziyo le ingumkhohlisi. Iyayithabatha indoda iyiphose elwagcibeni, kunjalonje imeyelisela umntu engaqondi. Intliziyo iyayithabatha indoda iyokuyimisa phambi kweJaji, iyayithwala indoda iyokuyiphosa emalandalahla. Yenza loo nto kuDingezweni; yambonisa ukuba makangabi ecengana noyise koko makalivevule.
>
> “Sala, Mnandizonka, ndiya kwantliziyo-ndise,” watsho uDingezweni esula iinyembezi emehlweni akhe, efunza phambili. Wasenza ngaloo yure isigqibo sokungabuyeli kowabo sekusihla ehlayo kunyuka enyukayo.

Wathi xa ehla kwelinye icala lentaba afingiza, ahlangana amafu esibhakabhakeni. Ndithi mna laxubayela, lezisa izulu ezinzulwini zobusuku lingasinanze eso sibhadu-bhadu singuDingezweni. Yakhokelwa ngumkhumezelo, yaqinisa yagxagxaza kanobomi. Zagqekreza iindudumo, lazongoma izulu, yatshawuza imibane mhlawumbi kuba unyana womtu elitshikilele iwabo, Gqo-gqo-ghwa-a-a! Menye! Kwatsho isithongakazi esatsho kwahlokoma amawa kwavakala isankxwe sokurhathaza kweemfene – ubukumkani boyise bahlulelana nobukanyana xa kanye loo ntaba yayimahlule kwingqumbo kayise.

Ngwamza ndibeleke ngwamza,
Ngwamz' andinandawo ngwamza.

Yankenteza le ngoma wayedla ngokuyiva ihlatyelwa ziintombi zaseMnandizonka. Oko ebesakuyiva ziyicula wayengayinanzi nganto kodwa ngale mini wayelangazelela ngokwenene ukuba imbeleke naye loo ngwamza, imkhuphe kobo bugxwayiba.

*(P.T Mtuze: UDingezweni)*

1.1 Yintoni unobangela wokuba uDingezweni alishiye ikhaya lakhe? (2)

1.2 Bhala amazwi abonisa ukuba ixesha ayijonga ngayo iMnandizonka wayililela kwakungokuhlwa. (2)

1.3 Ungatsho na ukuba wayeyithanda indawo yakokwabo, iMnandizonka? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.4 Ngubani lo wayesiva ubuhlungu kakhulu ngaye xa wayelishiya ikhaya lakhe? (1)

1.5 Ngqina okokuba intliziyo ingumkhohlisi. Yitsho izinto ezimbini. (2)

1.6 Wenza sigqibo sini uDingezweni ngobomi bakhe? (2)

1.7 Ingaba esi sigqibo sasimkhulula kwintlupheko awayekuyo okanye sasimzisela iingxwaleko zomphemfumlo? Xhasa (2)

1.8 Khetha impendulo ka –A ku- B.Bhala isimboli kuphela.

| A | B |
|---|---|
| 1.8.1 Intliziyo eyophayo | A. Ukukhumbula amazwi akhe athethwa kuye umntu kudala anga athethwa ngoku. |
| 1.8.2 Kwantliziyondise | B. Apho umntu enza into ayithandayo. |
| 1.8.3 Ukugqekreza kweendudumo | C. Ukuba mfiliba kube mnyama kungabonakali kakuhle. |
| 1.8.4 Yankenteza | D. Ukunyuka iintaba ezinamawa oyikekayo. |
| 1.8.5 Iluzizi | E. Ukududuma ngezandi ezothusayo. |
| 1.8.6 Ukunqola amaxethuka | F. Ukuva ubuhlungu. |

1 x 6 = (6)

**[19]**

B. Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo ngenyameko.

UVuyelwa intombi kamaDlamini yamazibulo yazisa ulonwabo uchulumanco nokuzingca kuyise nonina. Yayingaweli phantsi kwizinto zonke ezazimngqongile. Wakhula lo mntwana phantsi kothando lukanina noyise. Nto inye abazali bakhe abayibethelela engqondweni yakhe kukulwela ilungelo lakhe nokuyimela inyaniso. Waqeqeshwa nganxazonke, wafundiswa intlonipho, ukuthobela, imbeko, nokumazisa umntu omdala. Wafundiswa indlela yokuziphatha njengomntwana oyintombazana wafundiswa waqeqeshwa kwimisetyenzana yokwenza iti, ukupheka nococeko, ucoceko emzimbeni, ucoceko kwinto ayithethayo, ucoceko ngokwengqondo nococeko ngokwenkolo. Ucwangco nokubumbana kolu sapho lwaphazanyiswa kukuthi uMashiya asweleke ngesaquphe kwingozi yemoto. Yaba yilahleko enkulu kusapho nasebumelwaneni. Kwagixwa kodwa kwadlula zalityalwa ezezolo; yaqhubeka impilo ngokuqhelekileyo. Emva kweminyaka emihlanu senzeka esi sihelegu, wabonwa lisoka umaDlamini waze watshata. Ngeli xesha uVuyi wayeneminyaka elishumi nane efunda ibanga lesixhenxe.

Emva komtshato wayibonisa inkwalambisa yothando kwintombi yakhe umfo wakwaRhadebe. Wazama ukuzanelisa iimfuno “zentombi yakhe”. Akubanga ntsuku zatywala kwakho ukungavisisani kwesi sibini. Ukhe wazama uVuyi ukuyithi thsuphe le ngxaki yokungavani kwakhe notata omtsha, izitsho nezizathu. Kucacile ukuba uJoe wayefuna unina nethole. Kwizinto awayezicela zaziba nemiqathango ethile ukuze azifumane. Ukuthanda kwakhe ukumnceda kwizifundo zakhe kwakuhamba nentlawulo engabhalwanga. Unina wayebona intombi yakhe inekhwele ngoyise ongasekhoyo ecinga ukuba zonke izinto ayezenza uVuyi yayikuphoxisa ukuze bahlukane. Iqhubekile ke le ntlalo, zathanda ukuba mandundu izinto, kwangabikho ukuvisisana kunina nentombi, baxelelana izifuba zabo akwabakho omncinane. Bachitheka busiliwe mhla wamphakamisela isandla akumxelela ngemikhwa, nemikhuba “katata omtsha”. Kungaloo mzuzu apho intombi enkulu yenza isigqibo sokulishiya ikhaya waya kuhlala ezitalatweni. Impilo yalapho kumntwana oyintombazana imasikizi kakhulu. Wayexolele nantoni eyayinokwenzeka kuye emagqagqasini apho kuba wayengazi yaye engaziwa mntu, yayingcono lo mpilo kunaleyo yokujikelwa ngabona bantu babemele bamkhusele bamondle bamkhulise.

1.9 Yitsho ukuba yinyaniso okanye bubuxoki. Bhala kuphela inyaniso/ubuxoki.

1.9.1 UVuyelwa wayeliphelo kokwabo.
1.9.2 Wayeyifumana yonke into awayeyifuna.
1.9.3 Kuba wayethandwa watotoswa ngabazali bakhe. (3)

1.10 Khetha impendulo efanelekileyo.Bhala isimboli kuphela. Ukuyithi thsuphe kuthetha:

A. Ukuyifihla ingxaki yakho.
B. Ukuyithetha ingxaki yakho.
C.` Ukuva imfihlo ngabanye abantu. (1)

1.11 Khetha iintsingiselo zamabinzana aku-A ku-B. Bhala isimboli kuphela.

| A | B |
|---|---|
| 1.11.1 Wamphakamisela isandla | A. Ukuya izinto ziba mbi. |
| 1.11.2 Ukuba mandundu | B. Ukubetha. |
| 1.11.3 Ucoceko lwengqondo | C. Ukucinga izinto ezakhayo hayi ezichithayo. |
| 1.11.4 Ucoceko ngento oyithethayo | D. Kungaphumi izinto ezibolileyo. |


(4)

1.12 Yintoni embi eyayinokumvelela uVuyi xa ehlala ezitalatweni? Yitsho zibe mbini. (2)


1.13 Ingaba yasisigqibo esilungileyo asithabathayo sokushiya ikhaya? Ngoba? Wena wawunokwenza ntoni ukule meko awayekuyo? (3)

**[13]**

C. Abantu abaninzi baye bazive belahliwe bengakhathalelwanga ngenxa yokuba bengamanyelwa xa bekhalaza, okanye amalungelo abo ejongelwa phantsi. Ulutsha lunezikhalazo zalo, abadala kunye nabagulayo nabo banezabo. Yintoni esinokuyenzela bonke aba bantu bakhalazayo?




**Ukubaphathela iintyatyambo**




**Ukubathuthuzela**



**Ukubaphekela**




1.14 Bhala esinokukwenza ukuze ulutsha luzive lukhuselekile. Khetha ngokwale mifanekiso. (1)

1.15 Bhala esinokukwenza ukuze abadala nabagulayo bazive bethandwa. Khetha ngokwale mifanekiso. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: [35]**

**Tyhila**

ICANDELO B

## USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Shwankathela ngamagama angama-30 esi siqendu silandelayo.

- Bhala ngezivakalisi ezi-5
- Bhala ngezivakalisi ezigcweleyo.
- Sebenzisa amagama angawakho.
- Bhala kwizibiyeli ( ) inani lamagama owasebenzisileyo .
- Amanqaku enani lamagama ma-2 ,ulwimi ma-3 ,izivakalisi ma-5

Kwisikolo samabanga aphakamileyo iLoyiso, kwakukho nkwenkwana egama linguSipho eyayigula sisifo ugawulayo. Kwathi ngenye intsasa ifika esikolweni yafika bonke abafundi begumbi lokufundela awayefunda kulo bechebile, bebonisa ukuvelana nayo kwisigulo sayo.

Ngelishwa ulutsha olugula sisifo sikagawulayo okanye olunentsholongwane ye-*HIV* alufumani nkxaso yaneleyo eluntwini ngenxa yoloyiko okanye ngokungazi ngokupheleleyo ngesi sifo. Abanye abafundi kwakwesi sikolo babembukula, bembaleka uSipho bengafuni ukuncokola nokuhlala naye. Bade baya kwinqununu yesikolo beyokucela ukuba ayekiswe esikolweni ahlale ekhaya. Ngelishwa bawa phantsi kweso sicelo sabo. Yazama ukubacacisela inqununu ukuba bazi ukuba phantse zonke izikolo zethu zinabaguli ziseza kuba nabagula sisifo ugawulayo. Loo nto ke ingathetha ukuba azinakuba nabafundi izikolo ukuba zinokugxotha abagulayo. Izinto zaba mbi akulala esibhedlela uSipho phofu wabuyela esikolweni emveni kweeveki ezimbini. Naye ngoku wayekhangeleka ewexulekile emzimbeni. Ukukhohlela kwakumthe chu, kungavumi ukumyeka. Nenani labahlobo bakhe lathanda ukuhla, licutheka, kodwa wasala yena uLifa noLizo besengabahlobo benene. Kwacaca ukuba nabo ngoku baza kubalekwa ngabanye abafundi kuba besithi nabo ngoku sebosulelwe nguSipho.

Ngokuhamba kweenyanga kwabonakala ukuba uyoyisakala uSipho. Kwakufuneka ngamanye amaxesha amaninzi abelekwe ukugoduswa kuba ephelelwe ngamandla. Hayi woyisakala kwaphela, walala ngendlu. Ukufa kwamkhulela wasiwa esibhedlela walaliswa khona. Ngoku kwakusele kunzima nokuthetha. Wayesithi akubabona abahlobo bakhe ubone ngeenyembezi zinqumla umbombo phofu encumile. Ibhedi yakhe yayiingqongwe zintyantyambo ezigqamileyo ezivela kubahlobo bakhe benene. Andisathethi ngamacwecwe amnqwenelela impilo entle ekhawulezileyo ukuba maninzi. Ekugqibeleni emva kweenyanga ezintlanu zonke wayikhaba ibhekile, wakhwela inqwelo yakuloMosisi esinga kumanyange.

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

ICANDELO C

**UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**UMBUZO 3**

3.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

> UNomava waya eMonti ukuya kufuna umsebenzi eshiya usapho lwakhe lusebugxwayibeni. Abantwana belele ngandletyana nye esibhedlela. Yayifundile intombi ineziqu ezibizwa ngamagama. Yayinethemba lokufumana umsebenzi ngokwemfundo yayo. Akufika apho akubanga lula ukufumana umsebenzi omfaneleyo. Zangena iincwadi zibika ukuba abantwana balala ngamanzi bayalamba.
>
> Uthe uNomava akuva ukuba abantwana bakhe babethwa linxele likaKhetsekile, abananto isiwa phantsi kwempumlo, wazimisela ukuphuma engena kwimizi ekufutshane enze izikolobhana ukuze ngobugcwabalalana abufumanayo abathengele ukutya.

3.1.1 Bhala esi sivakalisi kwisinye.

> Abantwana bakhe babethwa linxele likaKhetsekile.

(1)

3.2 Sebenzisa ezi zibizo kwizivakalisi zibonise izinciphiso.

3.2.1 Umsebenzi.
3.2.2 Usapho.
3.2.3 Incwadi. 2 x 3 = (6)

3.3 Nika iintsingiselo zala mabinzana alandelayo.
Khetha iimpendulo kozinikiweyo.

> Ukulamba, ukugula, abanakutya, ukuhlupheka.

3.3.1 Ukulala ngamanzi.
3.3.2 Ukubethwa linxele likaKhetsekile.
3.3.3 Ukulala ngandletyana nye. 1 x 3 = (3)

3.4 Funda kwakhona isicatshulwa esiku- 3.1 wandule uphendule imibuzo elandelayo

3.4.1 Kwisicatshulwa esiku- 3.1, khetha igama libe linye elibonisa indawo uze ulisebenzise kwisivakalisi sakho (2)

3.4.2 Sebenzisa la magama alandelayo kwizivakalisi zakho.

> Ekufutshane, omfaneleyo

2x2=(4)

**Tyhila**

3.4.3 Funda esi siqendu uze unike amagama aphikisa lawo anomgca ngaphantsi.

> Nangona intombi le yona (a) <u>yayikhuthele</u> yaye ingumntu (b) <u>omtsha</u> yazenzela (c) <u>abahlobo</u> abathembekileyo.

1 x 3 = (3)

3.5

> Ndimbonile ezama ngandlela zonke ukufumana umsebenzi. Akawufumananga. Wayengazi ukuba enze ntoni. Wayezisebenzisile zonke iingcebiso namaqhinga okuzithethelela. Akancedekanga.

Hlanganisa ezi zivakalisi ngezi hlanganisi.

> Nangona, kodwa.

> - Wazama ukufuna umsebenzi. Akawufumananga.
> - Akancedekanga. Wazisebenzisa iingcebiso zokuzithethelela.

(2)

3.6 Nika igama elinye kulawo akrwelwe umgca ngaphantsi

> Isifo ugawulayo sishiya <u>iintsana zingenabazali</u>, ibe <u>ngumsebenzi womphathi wesikolo</u> ukuba awajongele amalungelo azo okufunda, <u>Abantwana abafundayo bafundiswa ukuba nothando kwaba bantwana</u>.

(3)

3.7 Nika isilanduli samagama anomgca ngaphantsi.

> Abantwana <u>bayawathanda</u> amasi kuba asisondlo esinika amandla. Nezityebi nazo <u>ziyawatya.</u>

| igama | Isilanduli |
|---|---|
| | |
| | |

(2)

**UMBUZO 4**

4.1 Gcwalisa izikhewu ngokufakela amagama ashiyiweyo. Khetha kumagama owanikiweyo.

> Thwi,bhaxa, qhiwu, saa

> Wawa eludakeni 4.1.1 __________ wanaba 4.1.2 __________ engathi ngumntu ofileyo, namaphepha ayewaphethe athi 4.1.3 __________ esitilatweni

(3)

4.2 Sebenzisa eli gama <u>intloko</u> ngokwentsingiselo ozinikiweyo.

> Intloko ingathetha oku:
>
> 4.2.1 Inqununu yesikolo.
> 4.2.2 Intloko yomntu enenwele.

(2)

4.3

> "Ndiyamthanda uNomsa kuba uyawuthanda umsebenzi wakhe wesikolo."
> Utshilo uSiphokazi.

Qala ngolu hlobo:
USiphokazi uthi (3)

4.4 Khetha kumagama owanikeziweyo uvale izikhewu.

> Sii! Shuu! Ngxe!

.... yantle ilokhwe **yomntwana**. (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: [35]**

**AMANQAKU EWONKE: [80]**

**ISIPHELO**